

UZweli uhlala noTata wakhe osele esitya umhlalaphantsi. UMama wakhe usebenza njengomncedisi khaya edolophini ugoduka kanye ngenyanga.

Ekhaya uTata usebenza nzima.  Usebenza egadini ukusukela ekuseni kude kube sebusuku. Naxa kubanda akanxibi mpahla zifudumeleyo.



UTata waba lixhoba lengqele. Ufunyenwe ngumkhuhlane oqhaqhazelisayo nomthimlisayo.  UTata ugula kakhulu.

“Lo mkhuhlane uyingozi, uza kundibulalala,” utshilo uTata. Andinamdla wokutya. Andinqweneli nto. Amajoni am omzimba abuthathaka.





Unyana wakhe uZweli ukhathazekile. “UTata akatyi kwaye akalali. Uhlala eguquguquka,” utshilo uZweli. UZweli wavuka ngentseni, waya entabeni eyokukha umhlonyane.

Uzakuwusela uTata?

UZweli wabilisa amanzi anomhlonyane wawunika uyise. UTata wayibhebhetha ikomityi wachitheka umhlonyane.



“Tata awufuni kuphila. Kutheni uwuchitha lo mhlonyane. Uza kuphila njani?” ubuzile uZweli.

UZweli watsalela uMama umnxeba emchazela ngemeko kaTata. UMama wacebisa ukuba ayo kuthenga iyeza lomkhuhlane evenkileni.





UZweli wathatha imali yokugqibela abebenayo waleqisa evenkileni yamayeza ekufuphi. Ufike ekhaya ephethe iyeza lomkhuhlane waseza uTata. UTata wasela iyeza wabiwa bubuthongo.



Uthe esalele waqala ukuguquguquka. Wayigila ibhotile yawa yophuka lachitheka iyeza. “Yhoo!!! Ibhotile yeyeza yophukile.

Ow impazamo endiyenzileyo, liyabiza neli yeza.

Ndiza kuphila njani ngoku?” Utshilo uTata ekhathazekile.



UZweli wayehleli ebukele umabonakude iingcinga zakhe zikude. Wayecinga ngokuba uza kwenza njani ukuze bafumane elinye iyeza nokuba uza kuphila njani uTata wakhe.

Uphazanyiswe yingxelo kumabonakude ekwezoo ngcinga.

Kwiindaba zangokuhlwa kwakuthethwa ngenqaku lesifo esoyikekayo. i-COVID-19. Waqala woyika kakhulu esakuva ukuba esi sifo sibulale uninzi lwabantu kwihlabathi liphela.

Emva kokuva ezi ndaba uZweli wayekhathazeke ngakumbi kukugula kuTata. Waya kumjonga wafika embi ngakumbi. Ngoku uTata wayekhala ngomzimba oqaqambayo.  Kwakungekho ndlela yakumnceda endlini. “Tata, ngoku ndikusa kwiziko lempilo ukuba uhlolwe,” utshilo uZweli. UTata wayengafuni nokuva oku, enikina intloko engafuni nokumjonga uZweli.

“Andiyi apho mna,” utshilo uTata.

Ekuseni uZweli uye evenkileni eyokulanda iphephandaba njengesiqhelo. Inqaku elaliphambili kwiphepha lokuqala nelalibhalwe ngamagama angqindilili  lalisithi **'i-COVID-19 Isifo esoyikekayo.'** Wafika endlini emaphikana wafunda elo nqaku ngobunono. Elo nqaku lalichaza ngakumbi  iimpawu zesi sifo likwacebisa likhuthaza uluntu ukuba liye kuhlolwa.



Lamkhathaza uZweli elo nqaku wajonga uyise elele emandlalweni enganakuzinceda. Wayesele encwina ekhohlela kabuhlungu into engenasiphelo. Wathatha iphephandaba walinika uTata ecela ukuba alifunde. Walifunda wajonga uZweli wayengezelisa engafuni kuthetha.

UZweli wamcenga esithi ucela baye kwiziko lempilo ukuze ahlole ukuba akanaso na esi sifo se-COVID-19.



UZweli wancedisa uTata bangcambaza baya emotweni besingisele kwiziko lempilo. Bathe bakufika wakhupha uTata emotweni wakhwaza. “Ncedani, ncedani.” Abongikazi baza nesitulo samavili bamthatha uTata bamsa kwigumbi lovavanyo ukuba abonane nogqirha.





Ugqirha wenza uhlolo lwesifo se-COVID-19. Waxilonga uTata wamhlaba inaliti wathi makalande namayeza aza kuwasela ngelixa elinde iziphumo.

Abongikazi bachazela uZweli ngesifo se-COVID-19. Bamchazela ngendlela abanokuzikhusela ngayo kwesi sifo

Umntu kufuneka:-

- Hlamba izandla rhoqo ngamanzi usebenzise isepha.

- Qwalasela kubekho umgama phakathi kwakho nomnye umntu.

- Nxiba isifonyo xa usiya phakathi kwabantu.

- Xa uthimla okanye ukhohlela sebenzisa itshefu okanye ugqume ngengqiniba.

Wabulela uZweli bagoduka.

Emva kweentsuku ezimbalwa uTata wabonakala echacha kuhle. Wabonakala ekonwabela ukutya engasaguqguquki nakangako xa elele.

Kwakusele kulithuba lokuba babuyele kwiziko lempilo ukuze bafumane ingxelo neziphumo zohlolo. Bafika kwiziko abongikazi babaxelela iindaba ezintle zokuba banethamsanqa, iziphumo zazingecala labo. UTata wayenomkhuhlane nje hayi isifo i-COVID-19.



UTata noZweli babulela ugqirha nabongikazi bagoduka. Ukususela loo mini uTata waqinisekisa ukuba unxiba iimpahla ezifudumelyo xa kubanda kwaye akahlali egadini imini nobusuku bayo. Bobabini baqinisekisa ukuba bayawalandela amanyathelo okuzikhusela kwisifo i-COVID 19. UZweli watsalela uMama umnxeba wamxelela ezi ndaba zimnandi.

Ulwazi Lwethu Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. UTata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: ***ulwazilwethu.org.za***

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

ISBN: 978-1-77981-184-4

Ulwazi Lwethu